



UPhumelele wayeyintombazana eyayiphuma kwikhaya elihluphekileyo.

Wayehlala nabakokwabo elalini eyiCelani.

Yayinye kuphela indlela yokungena, inye neyokuphuma kuloo lali iCelani.



Ecaleni kwendlela yale lali kwakukho umthi.


Inyoka enkulu yayihlala kulo mthi.

Abantu kwakufuneka badlule kulo mthi xa besiya ekliniki, ezivenkileni, okanye esikolweni.



Qho xa le nyoka isiva izingqi, ibisuka kwisebe lomthi iwe bhaxa endleleni. Ibiqinisekisa ukuba kunzima nakubani na ukuba makagqithe.

Abantu belali bazama ukuyibamba kodwa zange baphumelele.



Akakho owayekwazi ukuyibamba le nyoka. Inkosi yathembisa ngembuyekezo nakubani na owayenokuyibamba le nyoka.

Ngamadoda kuphela awayevunyelwe ukuthabatha inxaxheba kulo mcelimngeni.



Amadoda, amancinane namakhulu, azama ukuyibamba le nyoka kodwa zange aphumelele.

Amadoda azama ukusebenza engamaqela. Nasemva kwezo nzame zange aphumelele ekuyibambeni le nyoka.

Kwakuyingozi ukungena nokuphuma kuloo lali.



UPhumelele waya enkosini wafika wathi, “Ndivumele ndithabathe inxaxheba kulo mcelimngeni.”

Abantu bamhleka uPhumelele kuba wayengumfazi.
“Uyadlala lo!” batsho.

Inkosi yacingisisa ngesicelo sikaPhumelele.



Ekugqibeleni, inkosi yacinga isithi, “Amadoda elali oyisakele ekuyibambeni le nyoka. Lilonke ayikho into eza kusilahlekela.” Inkosi yamnika uPhumelele ithuba.

Nangona kwakunjalo yayingakholelwa inkosi ekubeni uPhumelele angaphumelela kumzamo awe phantsi kuwo amadoda.



UPhumelele wabanalo icebo elinobulumko.

Waluka ibhaskiti enkulu kakhulu.

Wafaka kuyo imitya yokuyitsala ibhaskiti ukuze ikwazi ukuvaleka.

Wayithwala entloko le bhaskiti waya ngasemthini.



Njengesiqhelo inyoka yeva izingqi. Yalungiselela ukuwa phantsi ivale indlela.

UPhumelele naye wayewulungiselele loo mzuzu ubalulekileyo!

"Namhlanje kunamhlanje," wacinga njalo ngeli xesha wayesondela emthini.



Ngeli xesha inyoka yayisuka emthini isihla, yawela phezu kwebhaskiti leyo yayalukiwe.


UPhumelele wazitsala kwangoko ezo ntambo ukuze ivaleke ibhaskiti. Kwangoko inyoka yayivalelekile ngaphakathi.



UPhumelele wayithwala le bhaskiti waya nayo elalini.

Bonke abantu bamvuyela ngelo xesha wayengena emasangweni ebhotwe lenkosi.

“UPhumelele unobulumko yaye unesibindi. Inkosi kufuneka igcine isithembiso sayo,” batsho abantu.



Inkosi yanika uPhumelele imbuyekezo engumhlaba omkhulu nobuhlanti obabuzele ziinkomo.

Waba yinkokeli yalaa ndawo. Abantu babesiya kuPhumelele bacele iingcebiso.

Inyoka yasiwa kwindawo ekugcinwa kuyo iinyoka, abantu belali bakwazi ukuhamba ngokukhululekileyo.